education

Department:
Education
North West Provincial Government
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# UVIWO OLUPHONONONGIWEYO LWEPHONDO

## IBANGA 10

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA IPHEPHA 1

## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

## EYESILIMELA 2024

**AMANQAKU: 70**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali - 11**

**QAPHELA**

1. Esi sikhokelo sokumakisha senzelwe ukuba sibe sisikhokelo kubamakishi.
2. Asenzelwanga ukuba sibe ngummiselo ogqibeleleyo.
3. Iimpendulo zabafundi mazithathelwe ingqalelo ngokokuchaneka kwazo.
4. Iimpendulo mazihlolwe ngokupheleleyo namanqaku anikezelwe apho kufuneka anikezelwe khona.

**IMIYALELO KUBAMAKISHI**

**Umakisho lwesicatshulwa sokuqonda:**

2. Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqonda, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zezivakalisi zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. Iimposiso ezikhoyo maziqatshelwe ngokukrwelelwa.

3. Kubaviwa abasebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Ngokunjalo ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lusetyenziwe kwitekisi kwaye impendulo ifuna elo gama, oko kwamkelekile.

4. **Kwimpendulo apho ziliqela iimpendulo ezichanekileyo** akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzela impendulo.
5. AKUNIKWA manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANI/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/ nokuzakuzela impendulo.

6. Apho kulindeleke iimpendulo ezigama linye aze umviwa anike isivakalisi, nika amanqaku **ukuba ngaba** igama elifanelekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi okanye ligqanyisiwe.

7. Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, aze umviwa adwelise uluhlu lweempendulo, makisha **kuphela** ezimbini/ezintathu zokuqala.

8. Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.

9. Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, makwamkelwe zombini, ukutsho oko unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokuzeleyo.

**ISICATSHULWA A**

1.1 Ukuntshula kwezithomo✓ (1)

1.2 B/ luthando./B. uthando✓ (1)

1.3 Bamangaliswe kukuba bangasindwa ngumntu bemzisa ukuba axhobise abantwana, aze yena athethe eli lizwana✓ (1)

1.4 BUBUXOKI kuba lowo simvelayo masimncede simphungulele loo mthwalo umsindayo✓✓ (2)

1.5 Masiqhubeke nokumcingela okanye nokumnceda omnye umntu singajonganga u-enkosi.( Nayiphi na impendulo echanekileyo) ( 2)

1.6 Nentiiyo ✓✓ (2)

1.7 “Uvelwano emntwini luthi lukhule lude lube luvelwano emzini ngoku-banzi.” ✓ (1)

1.8 Imeko engenakugququlwa ngomlo ✓ (2)

1.9 - Omnye akanakho nokuba sethanda ukuba angafunda aye kufikelela emagqabini kwezobugqi nezinye ✓

- Wumbi uyoyiswa kukulondoloza iisenti ade abe sisityebi nokuba senelo bhongo✓ (2)

1.10 Ndiyangqinelana kuba ukunceda umntu kubonisa ubuntu.✓✓

**Okanye**

Andingqinelani kuba sikumaxesha anzima obomi ngoko ke omnye nomnye makaziphandele ✓✓.

(Naluphi na uluvo oluxhasiweyo) (2)

1.11 Luveza ukungakhathali kwabaqeshi kuba abafuni bungqina bubambekayo besizathu esibekwa ngumsebenzi bangxamela ukugxotha ✓✓ (2)

1.12 Izityebi luzigcinela kulo uvelwano nobunkokheli lube olwezilambi luzigcinele inkonzo nembeko/ Izityebi zizithi geqe kwizilambi nezilambi kwizityebi.✓✓ (2)

1.13 Umbhali ubaveza abangenavelwano, kuba abamandla njengabantu bokwazi iingxaki zabasebenzi babo. ✓✓ (2)

1.14 Kukho umntu ongumama ojongene nokuphekela abaqeshi bakhe aphinde ajonge nabantwana ababeleke aze acoce nendlu. ✓✓ (2)

1.15 Alukho uvelwano, kuba esi sibini sisebhedini asikhangeleki sinomdla ✓✓ (2)

1.16 Kwisicatshulwa A uvelwano luchazwe ukuba wonke umntu kufanele avelane nomnye umntu kanti kwisicatshulwa B akukho luvelwano.✓✓ (2)

1.17 Uvakalelwa ekhathazekile ubuso bakhe bubhalwe ukhathazeko. ✓✓ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

**ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**

**UMBUZO 2**: **UKUMAKISHWA KWESISHWANKATHELO**

**Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:**

Amanqaku asi -7 ngeengongoma ezisi-7. (Ingongoma nganye linqaku)

Amanqaku ama -3 olwimi

**Amanqaku ewonke: [10]**

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa **besebenzise amazwi abo:**

- 1−3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli -1
- 4−5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama - 2
- 6−7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama - 3

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umlingwa **ecaphule njengoko kubhaliwe kwisicatshulwa:**

- 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: akunikezelwa manqaku olwimi.
- 4-5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: nikezela inqaku libe-1 lolwimi.
- 2-3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: nikezela amanqaku abe ma-2 olwimi.

**QAPHELA**

**Imo**

Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.

**Ubalo-magama**

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda de uye kusigqiba isivakalisi eso, ze ungakuhoyi okulandelayo.
- Izishwankathelo ezibhalwe zazifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma ezifunekayo okanye ezilindelekileyo mazinganyityelwa manqaku.

| UMFUNDI ANGACANGCATHA KWEZI NGONGOMA | | | |
|---|---|---|---|
| | **UCAPHULO** | | **IINGONGOMA** |
| 1. | Nxibelelanani rhoqo nibeke yonke imicimbi elubala.Ukunxibelelana kudlala indima enkulu kubo nabuphi ubudlelwana. | 1. | Abantu bekhaya ingakumbi abazali nabantwana mabanxibelelane qho ukuze babenobudlelwane obuqilima. |
| 2. | Yonwabani nonke nilusapho. Zipheni nexesha lokuncokola nishukuxe imicimbi eqhubekayo. Xa nisenza njalo ningasombulula nayo nayiphi ingxaki yelizwe. | 2. | Usapho malonwabe luziphe amaxesha okuxoxa nokusombulula iingxaki zalo. |
| 3. | Yibani noxolo. Siyamoshana kodwa masiqinisekise ukuba siyaxolelana siqhubeke nobomi. Akukho namnyeumntu odalwe wagqibelela. | 3. | Masixolelane kwiimpazamo zethu silusapho kuba akukho namnye umntuongenazimpazamo. |
| 4. | Kubaluleke ukuba kwinyanga nganye kubekho usuku okanye iintsuku zokuhlala komntu wonke ekhaya kungayiwa ndawo. | 4. | Masizifundise ukuba neentsuku ezimiselwe ukuba usapho lonke luzichithe kunye ludibene. |
| 5. | Yabelanani ngemisebenzi. Wonke umntu mababenomsetyenzana awenzayo ekhayeni nangona kunjalo akuthethwa ukuba akungencediswana kuloo nto yabelwe omnye | 5. | Makuncediswane ngumntu wonke ngomsebenzi okhoyo silusapho kuba oko kwenza ubekhaphukhaphu. |
| 6. | Xhasanani kuyo nayiphi iprojekthi omnye anayo. Xa ningenakuxhasana akakho omnye umntu onokwenza njalo. Ngokuthembekileyo. Musa ukubamba umlomo, impumlo kunye namehlo kuba kusenokwenzeka ukuba ububambe indawo eneKhorona ungaqondanga. | 6. | Masixhasane singamalungu osapho kuba ukuzithemba kwalowo wenza loo nto kukuva ubushushu bekhaya. |
| 7. | Mayibeluxanduva lomntu wonke ukusebenza nzima ukubumba , ukubuphucula nokugcina ubudlelwane bosapho | 7. | Onke amalungu osapho mawazive enyanzelekile ukuba ukuma kobudlelwane kosapho kuxhomekeke kubo bonke. |

**UKUBHALA NGOMHLATHI**

Abantu bekhaya ingakumbi abazali nabantwana mabanxeibelelane qho ukuze babenobudlelwane obuliqilima. Usapho malonwabe luziphe amaxesha okuxoxa nokusombulula iingaki zalo. Masixolelane kwiimpazamo zethu silusapho kuba akukho namnye umntu ongenazimpazmo. Masifundisane ukuba neentsuku ezimiselwe ukuba usapho ezimiselwe ukuba luzichithe kunye ludibene. Makuncediswane ngumntu wonke ngomsebenzi okhoyo silusapho kuba oko kwenza ube kaphukhaphu. Masixhasane singamalungu osapho kuba ukuzithemba kwalowo wenza loo nto kukuva ubushushu bekhaya. Onke amalunga osapho mawazive enyanzelekile ukuba ukuma kobudlelwane kosapho kuxhomekeke kubo bonke.

[70 amagama]

**AMANQAKU ECANDELO B: [10]**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

## UKUMAKISHA ICANDELO C

- Upelo
  - Iimpendulo ezinegama elinye mazimakishwe nokuba upelo lugwenxa, ngaphandle kokuba isiphene sitshintsha intsingiselo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo upelo olugwenxa malunyityelwe amanqaku ukuba impazamo ikwimigaqo yolwimi oluhlolwayo
  - Xa kuhlolwa izifinyezi impendulo mayibonakalise ukusetyenziswa kweziphumlisi ngokuchanekileyo.
- Ulwakhiwo kwizivakalisi malubhalwe ngemigaqo yegrama echanekileyo nangezivakalisi ezipheleleyo/ngokomyalelo.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO INTENGISO**

| | | |
|---|---|---|
| 3.1 | Nentliziyo ✓ | (1) |
| 3.2 | Kubantu abathanda iziqhamo/ kubantu abafuna ukuhlala besempilweni ✓<br>(Nayiphi na kwezi) | (1) |
| 3.3 | Kukutsalela umdla kwigama ‘ubomi✓✓’/Kukugxininisa igama ‘ubomi’ ✓✓/Kukuqaqambisa igama ‘ubomi’✓✓<br><br>(Nayiphi na kwezi) | (2) |
| 3.4 | Kukuzisa ingcinga yokuba xa usitya ukutya okusempilweni uye ubukeke okanye uba mhle njengel’inenekazi ✓✓ | (2) |
| 3.5 | C /ukulala kakhulu✓✓ | (2) |
| 3.6 | Aluyilandeli, kuba uninzi lwabantu lutya ngendlela engamkelekanga ngokwasempilweni kwaye aluyithobeli imiqathago yokutya ✓✓<br><br>(Nayiphi na impendulo echanekileyo) | (2) |
| | | **[10]** |

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

| | | |
|---|---|---|
| 4.1 | B/ B. Febhruwari✓ | (1) |
| 4.2 | Kubhiyozelwa usuku lwabantu abathandanayo ✓<br>(Nayiphi na impendulo echanekileyo | (1) |
| 4.3 | Amaqamza amancinci ngawo abonisa ukuba uyacinga.✓ | (1) |
| 4.4 | Ikhona intetho ebeseyithethe ngaphambili✓ | (1) |
| 4.5 | Kukungakwazi ukupheka / ukuthenga izinto eziza kuhlala kwisikhenkcezisi✓✓<br>(Nayiphi na impendulo echanekileyo) | (2) |
| 4.6 | Livela emsebenzini kuba nantsi ibhegi yakhe encinci ngakuye✓✓<br>(Nayiphi na impendulo echanelekileyo) | (2) |
| 4.7 | Ayifanelekanga kuba siyonakelelwa✓✓<br>(Nayiphi na impendulo echanekileyo) | |
| | | **[10]** |

**UMBUZO 5: IPROZI**

| | | |
|---|---|---|
| 5.1 | Aluxhalabelanga ✓ | (1) |
| 5.2 | Isakhi sokuzenza ✓ | (1) |
| 5.3 | Sibonakalisa isenzeko esenzeka macala. ✓✓ | (2) |
| 5.4 | Bengatyhilekanga / Bequmbile✓ ✓<br>(Nayiphi na impendulo echanekileyo. | (1) |
| 5.5 | Ngumfundi **omnye** kuphela ofumene amanqaku aphezulu ✓✓ | (2) |
| 5.6 | Sisihlanganisi. ✓✓ | (2) |
| 5.7 | Indawo. ✓ | (1) |
| | | **[10]** |

**AMANQAKU ECANDELO:C 30**

**AMANQAKU EWONKE: 70**